## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

1.1 Kunyaka ophelileyo ndifunde ukufundiseka. **[50]**

1.2 Iindumasi elizweni. **[50]**

1.3 Iinguqu ongaza nazo ukuphucula uqoqosho njengoMphathiswa wezeMali. **[50]**

1.4 Inkqayi ingena ngentlontlo. **[50]**

1.5 Ukuziqhelanisa kolutsha nemidlalo luselula. **[50]**

1.6 Amazwi ayakha ukanti ayakwazi nokubulala **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.images.com waza wahlelwa.] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela uManejala wenkampani yakwaMTN ukhalazele ixabiso eliphezulu ledata. **[25]**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umakazi wakho umcele akuthethelele kubazali bakho ukuba bakuvumele uyo kufunda kwiyunivesithi ekude nekhaya. **[25]**

2.3 **UDLIWANO NDLEBE**

Bhala udliwano ndlebe oluphakathi kwakho nembongi ethe yaduma emva kokubonwa ibonga kwiqonga lonxibelelwano u'Tik Tok'. **[25]**

2.4 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari ngogqirha obengumakhwekhwetha ekunyangeni iKhorona. **[25]**

2.5 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kubafundi ngokubaluleka kokukhetha abahlobo bokwenene. **[25]**

2.6 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini elimalunga neendlela zokugcina umzi ukhuselekile xa abanini bawo besekhefini. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha